URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Lindelwa Sopotela
ICandelwana le-*National School Nutrition Programme*
Lindelwa.Dlulemnyango-Sopotela@westerncape.gov.za I 021 467 2029

Inombolo yefayili: 13/2/8/23 – M1/24
Isalathiso: 202411115 - 8500

INgcaciso eMfutshane yeProgram i-*National School Nutrition Programme*:0001/2024

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko kwiZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli nakumaGosa eZithili e-*National School Nutrition Programme*, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamlayo kwi-*National School Nutrition Programme* nakooSihlalo bamabhunga olawulo abanabafundi abaxhamla kule program

Isihloko: Iziphumo zokuphicothwa kweencwadi kwiProgram ye-*National School Nutrition Programme* (*NSNP*) ukwenzela owama-2023/2024

1. UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (*AGSA*), uqaphele iziphene kwiProgram i-*NSNP* ngethuba lokuphicothwa kweencwadi okumalunga nolawulo nokubekwa esweni kwale program kunyaka wama-2023/2024.

2. Le ngcaciso imfutshane ke ngoko yenzelwe ukuncedisa izikolo ezixhamla kwi-*NSNP* ukuba ziyiphumeze ngokuyimpumelelo i-*NSNP* kwinqanaba lesikolo.

3. Ngenxa yokuba iinqununu kufuneka zibe zezikhokelayo kulawulo lweProgram i-*NSNP* ezikolweni zazo, kufuneka ziziqwalaselwa ngokukhethekileyo iinkalo ezifuna ukuqwalaselwa nezikhankanywe apha ngezantsi.

4. Kuqatshelwe iziphene ezithile ngokumalunga nokwakhiwa kweekomiti zezikolo ze-*NSNP*, iindima nemisebenzi yazo, nguMphicothi zincwadi-Jikelele waseMzantsi Afrika (*AGSA*) yaye ke ngoko kuyimfuneko ukuba kucaciswe yaye kuphunyezwe ezi ndima nale misebenzi ilandelayo:

4.1 **Ukwakhiwa kwekomiti yesikolo ye-*NSNP***

Inqununu nebhunga lolawulo mabaseke ikomiti yesikolo ye-*NSNP* equka la malungu alandelayo:

(a) ilungu elinye leKomiti yoLawulo yeSikolo (*SMT*);
(b) ilungu elinye lebhunga lolawulo;
(c) iVolontiya elinye eliPhatha ukuTya (*VFH*);
(d) ilungu elinye elingumsebenzi; kunye

(e) nelungu elinye leBhunga eliMele aBafundi (*Representative Council of Learners*)(*RCL*) (kwizikolo eziziisekondari kuphela).

4.2 **Iindima nemisebenzi yekomiti yesikolo ye-*NSNP* kuqukwa neNqununu**

4.2.1 **Inqununu** kufuneka:

(a) Ithathe uxanduva lokulawula iprogram ye-*NSNP* ngokupheleleyo njengegosa elinoxanduva lokuphendula ngokusetyenziswa kwemali;
(b) Ikhokele ngokulawula iprogram i-*NSNP* esikolweni sayo, kuqukwa neminye imisebenzi enxulumene neprogram;
(c) Imisele amaxesha okutya njengoko emiselwe yi-*Conditional Grant Framework* okanye isebenzise umgaqo othi ngo-10:00 kunye/okanye phambi ko-12:30;
(d) Iqinisekise ukuba ukuba ii-*VFHs* zinazo iziXhobo/iiMpahla zokuziKhusela (*Personal Protective Equipment*) (*PPE*), oko kukuthi: iiyunifom(*uniforms*), isinxibo esigquma intloko (*headgear*), neebhutsi zokukhusela iinyawo (*safety boots*), ukulandela mbo imimiselo yokuthobela imiqathangio yococeko nokhuseleko;
(e) Iqinisekise ukuba ikhitshi leProgram ye-*NSNP* lineSatifikethi i-*Certificate of Acceptability* esikhutshwa yi-*Environmental Health Practitioner*; yaye
(f) Iqinisekise ukuba isitovu segesi *(gas)* sikhonekthwe ngokufanelekileyo ukuthobela imithetho yokhuseleko lwegesi yaye ke ngoko inike ubungqina beSatifikethi i-*Certificate of Compliance/Conformity*.

4.2.2 **Ilungu leKomiti ye-*SMT*** kufuneka:

(a) Lilawule iintlanganiso zekomiti ye-*NSNP* yesikolo;
(b) Lithumele isimemo sezi ntlanganiso kuwo onke amalungu ekomiti;
(c) Ligcine irejista enamagama abantu abakhoyo entlanganisweni;
(d) Libenomntu ongunobhala (makufundwe 4.2.5 (e) ongezantsi) obhala imizuzu yentlanganiso ekufuneka igcinwe kwifayili ye-*NSNP*;
(e) Libeke iliso/longamele umququzeleli wesikolo lize litshekishe amaxwebhu phambi kokuba liwangenise kwi-ofisi yesithili;
(f) Linike ingxelo ngemiba efuna ukuthathelwa ingqalelo kwiintlanganiso zenqununu ne-*SMT*; yaye
(g) Liqinisekise ukuba iProgram i-*NSNP* iyinxalenye yee-ayithem ze-ajenda yentlanganiso yesikolo.

4.2.3 **Ilungu lebhunga lolawulo (ingalilungu elingumsebenzi onika inkxaso esikolweni okanye utitshala)** kufuneka:

(a) Lincedise umququzeleli wesikolo ngokubeka iliso kwinkqubo yemihla ngemihla yeProgram i-*NSNP*;
(b) Liqinisekise ukuba abafundi batyiswa ngexesha;
(c) Liqinisekise ukuba abafundi batyiselwa eklasini phantsi kolawulo lukatitshala;
(d) Liqinisekise ukuba ii-*VFHs* zipheka ngokwemenyu yosuku;
(e) Liqinisekise ukuba ii-*VFHs* zinazo ii-*PPE*;
(f) Linike ingxelo ngemiba emalunga ne-*NSNP* kwiintlanganiso zebhunga lolawulo ukulungiselela ukuba kuxoxwe ngayo; yaye

(g) Liqinisekise ukuba iisilinda zegesi (*gas cylinders*) zigcinwe ngokukhuselekileyo kwikheyiji ngaphandle ekhitshini yaye zikhonekthwe ngokufanelekileyo.

4.2.4 **Ilungu eliyi-*VFH*** kufuneka:

(a) Lazise amalungu ekomiti ye-*NSNP* yesikolo malunga neengxaki ezidibana nazo ii-*VFHs*;
(b) Linike ingxelo ehlaziyiweyo yaqho ngosuku emalunga nokubonelelwa kokutya kumququzeleli wesikolo;
(c) Lichaze iimfuno zee-*VFHs*;
(d) Linike iingcebiso ezingokuba kungenziwa ntoni na ukuphucula iprogram ngokugqibeleleyo;
(e) Lichaze uncedo abalufunayo kwi-*SMT*, kwibhunga lolawulo, kootitshala nakubafundi ukwenzela ukuphucula inkqubo yeprogram ye-*NSNP;*
(f) Lilungiselele imilinganiselo yokutya echanekileyo; yaye
(g) Liqinisekise ukuba ukutya kuphekwa ngokwemenyu.

4.2.5 **Ilungu elingumsebenzi (umququzeleli wesikolo)** kufuneka:

(a) Liququzelele imisebenzi yemihla ngemihla yeProgram ye-*NSNP* kwinqanaba lesikolo;
(b) Libeke esweni ukusebenza kwee-*VFHs*;
(c) Lamkele isitokhwe esiziswe esikolweni okanye labele unogada (*caretaker)* okanye i-*VFH* umsebenzi wokwamkela isitokhwe esiziswe esikolweni egameni lakhe;
(d) Libeke esweni iprogram ye-*NSNP* yaye lenze imisebenzi yolawulo yaqho ngosuku;
(e) Libhale imizuzu yeentlanganiso zekomiti ye-*NSNP* yesikolo;
(f) Liqeqeshe ikomiti yesikolo malunga neendima nemisebenzi yayo kwinqanaba lesikolo;
(g) Libale isitokhwe esikhoyo (*physical stock-taking*) yaye lingqininisise ii-ayithem zokutya ezikhoyo nezibhalwe kwirejista yesitokhwe sokutya ukuqinisekisa ukuchaneka kwerejista yesitokhwe sokutya;
(h) Lazise i-ofisi yesithili malunga nee-*VFHs* ezintsha eziqeshiweyo;
(i) Liqinisekise ukuba ii-*VFHs* zisayina imvumelwano yengqesho, yaye zigcinwa kwifayili ye-*NSNP;*
(j) Ligcine iikopi zezazisi zee-*VFHs* kwifayili ye-*NSNP;*
(k) Lenze uqeqesho ngokukhawuleza lomntu ngamnye kuqukwa noqeqesho loqhelaniso lwee-*VFHs* ezintsha eziqeshiweyo; yaye
(l) Liqinisekise ukuba ii-*VFHs* ziya kuqeqesho oluqhutywa esikolweni nakwisithili olucwangciselwe le miba ilandelayo:
- Iindima nemisebenzi yekomiti yesikolo.
- Uqeqesho ngemigangatho yezempilo nococeko
- Ukhuseleko lokutya negesi.

4.2.6 **Ilungu le-*RCL*** kufuneka

(a) Linike inkcazo ngokuqhubekayo kwikomiti yesikolo malunga nokuba ngaba abafundi bakunikwa ngexesha na ukutya;
(b) Litshekishe ukuba ii-*VFHs* zizipheka ngokwemenyu zombini izidlo zosuku;
(c) Litshekishe umgangatho wokutya okuphakelwa abafundi, ngokukodwa iziqhamo nemifuno;

(d) Lincedise ii-*VFHs* xa ziphaka ukutya eklasini naxa ziqokelela izitya zokutyela emva kokutyiswa kwabafundi;
(e) Linike ingxelo yokuba ngaba abafundi babaphantsi kweliso na ngethuba lokutyiswa kwabo nokuba ingaba kukho izitya zokutyela ezinganelanga;
(f) Lichaze nokuba ngaba kukho ukutshintshwa okanye ukuphuculwa kweprogram abanqwenela ukukubona abafundi; yaye
(g) Linike ingxelo ngeengxaki ezichaphazela abafundi.

5. **Ukubekwa esweni kweprogram**
I-ofisi yesithili noNdlunkulu kufuneka ziqinisekise ukuba iprogram isebenza ngokufanelekileyo nangokwanelisayo kwinqanaba lesikolo.

6. Iinqununu kufuneka zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abathathi-nxaxheba beprogram ye-*NSNP* ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-AJE MEYER
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2024-11-20